Ngaba Unganayo Inceba?

Imiyalelo: Funda ezi vesi zeBhayibhile kwindawo ongazukuphazanyiswa kuyo. Njengoko ufunda yiba ngathi ulapho nawe. Yiba ngathi uyayibona into eyenzekayo. Beve ngathi bayathetha abantu abalapho uze uvakalelwe ngendlela abavakalelwa ngayo.
Abalinganiswa abaphambili: UmYuda, umbingeleli, umLevi nomSamariya
Ushwankathelo: UYesu ubalisa ngomSamariya owanceda umYuda owayenzakele.

1 HLALUTYA ESI SIGANEKO.—FUNDA ULUKA 10:29-37.

Yiba nomfanekiso-ngqondweni wendlela ephakathi kweYerusalem neYeriko uze uchaze ukuba yayinjani.

_____

_____

Bubonisa ntoni ubuso

bombingeleli nomLevi? _____

bomSamariya olungileyo? _____

Ucinga ukuba lalinjani ilizwi lendoda ‘eyayifuna ukuzingqina ililungisa’? (Funda uvesi 25 no-29.)

_____

_____

2 PHANDA.

Kwakutheni ukuze abantu ababephulaphule uYesu bamangaliswe kukuba yaba ngumSamariya onceda umYuda? (Funda uYohane 4:9.)

_____

_____

Inokuba umbingeleli nomLevi bathi siyintoni isizathu sokungamncedi lo mYuda wenzakeleyo?

_____

_____

Ucinga ukuba yintoni eyabangela ukuba uYesu abalise eli bali endaweni yokuba aphendule umbuzo waloo ndoda okuLuka 10:29?

_____

_____

www.jw.org/xh © 2013 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

3 ZISEBENZISE IZINTO OZIFUNDILEYO.

Bhala ukuba ufunde ntoni . . .

Ngoko kuthethwa kukuba nenceba.

Ngendlela onokubonisa ngayo ukuba uyamthanda ummelwane wakho.

4 KHAWUZIBUZE.

Ndifanele ndizijonge njani ezinye iintlanga?

Ukuba kukho umntu ofuna ndimncede, ukuba nenceba kuya kundibangela ukuba ndenze ntoni?

Sisiphi esona sifundo sibalulekileyo endisifumana kule ngxelo, yaye ngoba?

Icebiso: Zoba neminye imifanekiso elula ebonisa indlela iziganeko ezikweli bali leBhayibhile ezilandelelana ngayo. Cacisa oko kwenzekayo kumfanekiso ngamnye.



JW.ORG™

Zikhuphelele uze uprinte le PDF ku-www.jw.org/xh

www.jw.org/xh © 2013 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania